ISISHWANKATHELO: IPROGRAM 2: Udliwano-ndlebe lweRadio Tygerberg lukaWarda Conrad

Kwisiqendu sesibini sodliwano-ndlebe lwerediyo lukaWarda Conrad, umniki-ngcaciso wezemfundo onamava, uNeville Goliath, ushwankathela ngokucacileyo amabakala aqaqambileyo eprogram yokuqala phambi kokuqhubela phambi ngendlela yakhe edlamkisayo yokubuza imibuzo.

Kule program kugxininiswa kwiiMfundiso ezisiSiseko seMfundo. UConrad unaba ngokubanzi malunga nesihloko kunye nento eyakhuthaza iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) ekubeni ligxininise kuzo. Ngokunomtsalane, uyaluchaza uluvo lokuba ubani anganako "ukufundisa" iimfundiso ezisisiseko kubafundi kodwa uyakugxininisa ukuba ubani endaweni yoko "uyaziphila" iimfundiso ezisisiseko aze abeke abafundi kwincoko ejikeleze oko. Ngaphezulu, uyicacisa ngobuchule indlela iSebe i*WCED* elayiphakamisa ngayo incoko emalunga neemfundiso ezisisiseko ngokuyilinganisa nokuguquka kwalo libe liziko elikhokelisa iimfundiso ezisisiseko ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, liqwalasele, lamkele, libonakalise iimfundiso ezisisiseko ezingundoqo ezintandathu (*six core values*) nokwaba umxholo okhokelisa iimfundiso ezisisiseko kusuku lwezifundo ngalunye ngokulandelelanayo, njengoNyaka kaTitshala, uNyaka woMfundi, njl. njl. Ngamafutshane, kuConrad, isicwangciso soKutshintsha iNdlela yoKwenza (*Transform to Perform*) (*T2P*)) yindlela yethu "yokuphila" iimfundiso ezisisiseko ezimisela indlela yokwenza yoluntu oluyinxalenye yezikolo ukuba lube nencoko ngazo naziphi na iimfundiso ezisisiseko abazikhethayo.

UConrad uqhubela phambili ngokunika izizathu – ngokuvokothekileyo – ukusetyenziswa kweemfundiso ezisisiseko ukuchasana nemikhwa engalunganga yasentlalweni, enjengokubhulisha (ukungqwangaza), ubundlobongela, ukungaziphathi kakuhle, kodwa kwakhona nokwamkela imingeni enjengeyantlukwano nokubandakanyeka eluntwini, kungalityelwanga ukuchazwa kwemfuno ebaluleke gqitha kubo bonke abathathi-nxaxheba ukuba babe buthathaka yaye bakhaliphe, ukuba sinyanisekile ekuququzeleleni umbono umbono ongagungqiyo weSebe i*WCED* wemfundo esemgangathweni yomntwana ngamnye, kwiklasi nganye, kwiphondo. Udliwano-ndlebe luqukumbela ngokunika isikhokelo esongezelelweyo kubazali ngendlela bona (kunye nootitshala) abanokunceda ngayo kwincoko engeemfundiso ezisisiseko kwakunye nokunika iinkcukacha zamagosa emakuthintwane nawo malunga noqhagamshelwano olungaphezulu.

Kucelwa uqaphele: Abanye babantu ekuthintwana nabo kwaneenkcukacha zabo sezatshintsha ukususela ekurekhodweni kweephodikhasti. Kucelwa ukuba kujongwe icandelo i-"*Contact Information*" yekhasi lewebhu yethu. Makukhangelwe ilinki engezantsi:

https://wcedonline.westerncape.gov.za/transform-perform-contact-information